## Nandamkela

"Ndandingowasemzini, nandamkela."

UMATEWU 25:35c

Abaphambukeli neembacu ezikhangela indawo ekhuselekileyo yokuhlala, zisuke zaxhaphaka eMzantsi Afrika kwezi ntsuku. Ubomi babo busoloko buneempawu zokulahlekelwa, ukulahlwa nobundlobongela. Kambe ukuzikhathaza ngabantu abafuduswa ngokunyanzelwa nabangenamakhaya kuninzi eBhayibhileni.

## Singabasemzini sonke

Kodwa naxa zazikude babezibona, bezilangazelela, bevuma ukuba bona baziindwendwe nje ezidlulayo kweli lizwe (KUMAHEBHERE 11:13b). Koko sibabona benxubele ilizwe elihle – izulu (11:16a).

Uhambo lwethu luqala ngoAdam noEfa abagxothwa eparadesi ukuze baye kuqala ubomi obutsha kwindawo entsha.

UNdikhoyo uThixo wamgxothela ngaphandle komyezo umntu, wamenza umlimi womhlaba avele kuwo.

EYEZIQALO 3:23

UAbram wabizwa eUre ukuze ahlale kwilizwe elitsha.

UNdikhoyo wathi kuAbram: "Lishiye ilizwe lakowenu, izizalwana kunye nekhaya lakho, umke uye kwilizwe endiza kukwalathisa lona."

EYEZIQALO 12:1

Uhambo luyaqhubeka noJosefu owathengiswa eJiputa. Emva kweminyaka engama 400 inzala yakhe yazula-zula entango yade yaya kufika kwindawo entsha apho babehlala bekhunjuzwa ukuba bangabaphambukeli.

"Ubawo-mkhulu wayesisibhadu-bhadu esiphaleleyo somAram esafuduka saya kuphambukela kwelaseJiputa. Ewe, babembalwa ukuya kwabo, kodwa babuya sebesisizwe esikhulu esomeleleyo."

UHLAZIYO-MNQOPHISO 26:5b

## UYesu wayengowasemzini

Emva kweminyaka emininzi, uYesu iNkosi yethu, wathabatha uhambo lokugqibela esuka ezulwini esiya emhlabeni kodwa zange afumane ndawo yakhe. Wacekiswa ngabalandeli bakhe waze wabethelelwa emnqamlezweni ngabantu bakhe.

UYesu wathi kuye: "Iimpungutye zinemingxuma, neentaka zineendlwane, kodwa yena uNyana woLuntu akanayo nendawo le yokufaka intloko."

UMATEWU 8:20

Bamgweba ke bonke ukuba unetyala, besithi ufanele ukufa.

UMARKO 14:64b

## Isifundisa ntoni iBhayibhile ngendlela yokuphatha abaphambukeli neembacu?

Kuyo yonke iTestamente Endala nentsha sifunda ukuba uThixo nguThixo wazo zonke iintlanga. Umxholo wobulungisa nokukhathalelwa kwabasemzini nabalahliweyo ukho kwiBhayibhileni yonke njengento ebaluleke kakhulu. Umthetho kaThixo uthi:

"Ze ningabacinezeli abantu basemzini abahlala phakathi kwenu. Baphatheni ngokufanayo nabayinzala, nibathande kanye ngale ndlela nizithanda ngayo nani. Kaloku nani benikhe nangabantu basemzini eJiputa. Nditsho ke mna Ndikhoyo, Thixo wenu."

EYONQULO 19:33-34

## Akukho nanye into enokusahlula nothando lukaThixo

UPawulos usiqinisekisa ngothando lukaThixo kuyo nantoni na enokusehlela.

Kanti ke, kwezi zinto zonke sisuka soyise sitshatshele ngalowo wasithandayo.
KWABASEROMA 8:37

UThixo uthembisa ukuhlangula wonke umntu ongowasemzini apha emhlabeni.

UThixo ulihlathi nenqaba yethu;
ngexesha leenkathazo uluncedo
oluhlala lulungile.
IINDUMISO 46:1

Kodwa yena uNdikhoyo ungakum;
ligorha elomeleleyo.
Abandisukelayo baza kukhubeka
bangaphumeleli.
Baza kudana, lingaze lilityalwe
ihlazo labo.
UJEREMIYA 20:11

Ewe, zibakho zon' iinzingo
ebusuku,
kodwa kusasa kuba yimincili
yodwa.
IINDUMISO 30:5b

***Iivesi zeziBhalo zithatyathwe kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**

Ipapashwe yasasazwa liqumrhu leBhayibhile laseMzantsi Afrika.
**www.biblesociety.co.za**

BibleSA.co.za BibleSA Bibles and audio Bibles are available on the **BibleSA app.**